Isalathiso: 20170221-8516
12/5/R
Imibuzo: B Daniels

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuNika iNkxaso kwiMfundo eBandakanya Bonke aBafundi nakwiMfundo eneeMfuno eziZodwa : 0002/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoQuquzelelo neeNgcebiso ngezeKharityhulam, kwiiNtloko eziNika iNkxaso kuBafundi nakooTitshala; kuBaphathi, beeSekethe; kuBaphathi bezeNgcaciso, uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule, kuMasekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo nezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente

Isihloko: Ukunika ingxelo ngabantu ekurhaneleka ukuba banemasisi ezikolweni

1. Ngenxa yokuqhambuka kwesigulo semasisi esikolweni sase*Stellenbosch* ngoJanuwari 2017, kuqhutywa iphulo logonyo kungokunje liSebe lezeMpilo leNtshona Koloni *(Western Cape Department of Health (WCDoH*) nelixhaswa liSebe lezeMpilo kuZwelonke (*National Department of Health*).

2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*Western Cape Education Department (WCED*) licela zonke izikolo zazise iSebe i-*WCDoH* ngabo nabaphi na abafundi okanye ootitshala nabasebenzi abasesikolweni ababonakala beneempawu zemasisi ukwenzela ukuba iSebe i-*WCDoH* lenze uphando lokuqinisekisa ukubakho kwabantu abanemasisi ezikolweni. Imasisi sisigulo emakunikwe ingxelo ngaso nesinokuba neziphumo ezixhomisa amehlo ukuba asinyangangwa ngokuchanekileyo. Ukuphelisa ukuqhambuka kwesi sigulo, bonke abo kurhanelwa banaso esi gulo, mabalandelelwe *(followed up)* liSebe i-*WCDoH*, eliya kuthi liqhagamshelana nabo bantu bebekhe badibana nabo, abo borhanelekayo kwesi sigulo.

3. Iimpawu zemasisi zinokuba yifiva apho ubushushu buyi-38% okanye ngaphezulu, amaqhakuvana amancinci abomvurha athe tshitshilili nezi zinto zintathu zilandelayo: ukhohlokhohlo, isigulo samehlo abomvu *(i-conjunctivitis)* okanye *i-coryza (o.k.t.* impulo evuza okoko).

4. **Iinqununu mazinike ingxelo ngokukhawuleza ngabo bonke abantu ekurhanelwa ukuba banemasisi kwi-*WCDoH Communicable Disease Control Office*** kwezi nombolo zefoni zilandelayo: 021 483 3156/ 9917 / 9941 / 9964 / 2682 okanye ku-086 6111 092,

okanye ngokuthi bathumele i-imeyili kwaba bantu balandelayo: hlengani.mathema@westerncape.gov.za/babalwa.magodla@westerncape.gov.za felencia.daniels@westerncape.gov.za/charlenea.jacobs@westerncape.gov.za.

5. Kufuneka le ngcaciso ilandelayo (neempempa zonyango (*medical certificate*) ukuba ziyafumaneka) xa kunikwa ingxelo ngabantu ekurhaneleka ukuba banemasisi:

Igama lesikolo	
Igama lenqununu	
Inombolo yefoni yesikolo	
Igama lomfundi/lomsebenzi	
Iimpawu	
Umhla wokuqalisa ukuba namaqhakuvana amancinci	
Igama likagqirha/leziko lezempilo ebethunyelwe kulo	
Inombolo yefoni kagqirha/yeziko lezempilo ebethunyelwe kulo	
Inombolo yefoni yomzali/yomgcini womfundi	
Idilesi yomntu ekurhanelwa ukuba unemasisi	

6. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala nabasebenzi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- TS MATSELISO
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO
UMHLA: 2017-02-24